# Wazinyatela na? Intombi Zezwe Lako Zibe Ngamakoboka?

*U Nehemiah 5 : 5.*

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Nanko u Nehemiah ekuxelela
Umehlo ako okukubonisela
Unyawo zako zokukubalekela
Nozandla zako konke zokukwamkela.

Wazinyatelana Intombi zezwe lako
Zangamak'obokana Ezweni lako
Baza amehlo kade ndandibona
Kulapo namhla wotshabalala kona.

Zitsha nganina indlu zama Afrika
Ne Bhaibhile isongwa isombuluka
Ipikele amalanga engaka nje
Niti ngu Tixo na ke Lowo wenjiwanje?

Intombi zezwe lako sisivato sako
Ogudazilingeke Ezweni lako.
Zitsho kamnandi ekumbini lentaba
Ndingazicinga kuti gongqe nenkaba.

Tet' ungoyiki Afrika usahleli
Abhubhe siduli obhubha siduli
Eza bhaibhile zarola ngamadolo
Namhla zingangam ndigqaqe ngedolo.

Namhla sibambene ngesingayaziyo.
Ngati sikumsito wakwa Lambatayo
Ndihlelinje andisoze ndilibale
Utini wona umzi wama Wesile.

Niyambonake u tixo wabelungu
Nanifunani ku tixo wabelungu
Kukona noyeka ukugxab'elela
Nina unib'inqisa ngelitye lemb'ola.

Wazinyatelana Intombi zezwe lako
Zangamak'obokana Ezweni lako
Bika ezondaba zime nge Katala
Ux'akazele noko ngat' uyozela.

Itiy piya make ifakelele
Ifunde Izibhalo isimelele
Nike niyeke nokuy' esigqaqweni
Yintoni encotuka ezintlafunweni?

Namhla nitinina Ilizwe lifile
Nandzo nentshutshiso Afrika uwile
Yinyusa Ingxelo iye ko Pezulu
Utshise ne Dini ngo nyana omkulu.

Uwise namazwi akutaza umzi
Kona eludidini wake wanje umzi?
Wazinyatelana Intombi zezwe lako
Siko sisahleli silinde izwi lako.

Batini ngezabo intombi abelungu
Kuba tina asidlanga nto yamlungu
Sikwizwe lobawo Elizweni lo "Koko"
Esalinikwa ngu Tixo okwakoko.

Gqalani ihambo yomhlaba ne Langa
Gqalani kwane. Yenkwenkwezi ne [Nyanga
Nigqale kwaneyo Nebukadnetsare
Yo tixo bobhedu nabe silivere,
Nibuye!!